Imbongi ye Sizwe Jikelele: *The Bantu World* (06 June 1937), page 6

**Umfi u-Rev. Elijah Mdolomba**

*Nyuka uye kule ntabayase Abarim, entabeniye Nebo ... ufele entabeni leyo uyinyuka yo, Duter. 32: 46 & 50*

Um Hhlekazi, u Siwani ka Mdushane Ndlambe, inkosi yemi Dushane e 'Ihamarha kwisithili sase Qonce, uthe akubona impumelelo nenqubo entle yesikolo sika yisemkhulu u Ndlambe esise Mkhangiso (Mt Coke) waya kubafundisi base Wesile e Mkhangiso apho, wathi kubo naye ufuna ukuba enzelwe esake isikolo e Thamarha. Okunene abafundisi basusa amadoda amabini ukuba aye kuqandula koloqayi.

Inkosi u Siwani ifike yawanikela kumphakathi wayo ongu Nkuntyulana Mali into ka Nogcule u Mcete, ukuba awagcine ngento yonke. Amagama amadoda lawo ayethunyelwe ngabafundisi ngu Dyan Mfazi no Badle Mdolomba uyise womfi lo. Iziqhamo zomsebenzi walawo madoda azikuba saxelwa ndim sezizithethela ngokwazo e Thamarha.

Ukhulele apho ke u Elijah, wafunda apho, phambi kokuba aye kwizikolo ezikhulu, - ade aphumelele abe yi titshala e Bhayi - anyukele ngentla abe ngumfundisi wama Wesile okholekileyo ebantwini nakwi Komfa naku Rhulumete. Ngumfo wasema Ngweni, kodwa engumphakathi ongathandatyuzwayo wakwa Mdushane. Idemoni apha egqibe abantu ekuthiwa “bubuhlanga” wayiqukula wayoyisa yona kwase buncinaneni bakhe. Ube lichule ekubhaleni emaphepheni eyengabuzwayo imbhongi. Nangoku ufe enelinge alenzayo lencwadana (intsapho mayincede iyivelise, ize kuqhutyelwa phambhili.)

Kuthe kuphi iingqondo zakhe zagoduka ngoku (ngokuka Mosisi kwa Faro) zaya kumawabo ngokupheleleyo, - iqale apho ke iKomfa yakowabo: ngokomphungawo Rulumente wo Manyano osulele zonke iimvaba zobu Krestu, yabona ukuba makabe ngumphumli phambhi kwelona xesha. Kukuze ke aye kuba se Rautini. Ufike apho wanga yi Bishopu yazo zonke imvaba, ngakumbhi kona kuma Koloni.

Ngenxayobu nzwana nobu homba, umfazi umfumene seleyi ndodana ethe vetshe, ushiya intsapho ke ngoko. Ngomhla wokuqala wenyanga yo “Thweso Iwe Sitsaba” yena ulushiyile olo, waya kuthweswa esake isitsaba emazulwini. Bath’ umkile ke, -

U Gquzu mnqayi ndathabatheka, -

Ikorol’ elikhulu lase Kapa.

Lide latshatshela ngobhubhani,

Lawukhokel’ umz’ ukuya kwa Ndabeni,

Lawusiza kwi Nchuka namaXwili,

Iinto zoo Mangena zazuza.

Kude kwase Bayi sisebenza;

Sigxoth’ ama Xamba noo Mpundu;

Sidal’ amanxow’ amatsha,

Ama Kostini noo Nyubrayidile.

Mtshisi weendlu zabemkayo

Amasuth’ akho mabini Laundini!

Lise Nxukwebe naku Ndlovukazi;

Mfondini iintombi zibulelene: -

Zirhinyen’ imilomo kwaluthuli.

Ubuke watinina kweka Lumkwana?

Wateta ntonina kweka Tyabinkobe?

Zivunukelene phezu kwelize;

Zijong’ intsheb’ ubuntsasawula.

Hononoshe! Bholomposhe!

Zide zamtol’ iintombi zakwa Zulu.

Kuthwa zimze ngo “Vukayibambe”;

Zambamba ngetsheb[1]’ ende yomlungu.

Mabutho ka Zulu ndiwathandazele;

[1] ngentsheb'

Ndemka nezimpi ngo Bambatha;
Ndaxob' isilungu ndaqhub' isi Zulu.
Vus' izaqhwithi nezi wendu![2]
Izalelwa nini indoda le, -
Kant' ayilo gwele lohlanga?
Mayishukum' i Komfa, -
Avelil' amadoda esizwe.
Omzi ka Kushe ka Phuthi ka Nimrodi!
Tarhuni mzi ka Ndaba ka Zondwa;
Mzi ka Madiba ka Sophitshi;
Nina Ngoji ka Mgudlwa masililelane.
Sifelwe ngubawo siyakuya kuye;
Nawe nto ka Dalindyebo, -
Zisul' inyembez' emehlweni,
Le Mfengu kayihlo iye kwaku yihlo.
Taruni ma Zulu, tarhu mfo ka Mini;
Tarhuni lusapho, Tarhu Nkosazana;
Tarhuni ma Ngwe nani ma Tolo;
Namhla lonk' ilizwe lizijaha hela!
Kumk' umntwana ngentliziyo,
Kumk' indoda ngezigalo.
Awu! Ewe nto ka bawo!
Kuhl' ukwandulelwa nguwe, -
Ze sifik' indlel' ingasena ntshaba,

[2] nenzi weuru

Ze sifik’ i Nkosi seyithambhile;

Seyityefetyefe seyitofotofo,

Sewuyibonge wayirintyarintyela

Ndibuhlungu ngawe mfo ka Bandie;

Bendith’ ubom sisaze kubuxhamla;

Umzi sisaza kuwufundisa;

Siwalathis’ ubuzwe nempilo nentlalo,

Siwalathis’ iSango Sango lebaso;

Siwalathis’ i Nduli enom Tshanzanana;

Lomzikaz’ oma Sangw’ ali 12;

Ithethile k’ i Nkosi yathi Nyukela;

Ngelak’ ufezile ulindwe sitsaba;

Ngomsebenzi omhle wo thando.

Wakulukhangel’ usap’ e Nyangweni!

Uluyaleze, uluthethelele, ulubuzele

Kwelo Komkhulu lama Komkhulu!!!

Ndiyakubulisa.